


STOP UKUNWENWA KWALE NTSHOLONGWANE



I-coronavirus iyanwenwa, nangona kungamelanga siphaphazele, kumele sikwazi esinokwenza malunga nolosuleleko kunye neempawu zayo.

IZINTO ONOKUZENZA UKUBA UNEEMPAWU

Ezi zezinye zezikhokelo:

Wazi njani ukuba uye wosulelwa nge-coronavirus?

Timpawu zayo kukukhohlela okomileyo, ubushushu, iphika kunye nokusokola ukuphefumla:

- Usenakho ukuba kanti une-coronavirus, kodwa musa ukuphaphazela. Ukuba awukhange udibane nomntu onale ntsholongwane, kwaye awukhange uthathe uhambo oluya kwelinye ilizwe kutshanje, mhlawumbi unomkhuhlane nje kuphela.
- Ukuba urhanela ukuba une-coronavirus, fowunela uMnxeba wePhondo woKuxela i- Coronavirus kuqala ukuze ufumane iingcebiso.



Zisuse ebantwini ukuba:

- Uye wabonana nengcali yezonyango kwaye uneempawu, OKANYE
- Ubukhe wasondelelana nomntu onale ntsholongwane, OKANYE
- Ubukhe wanohambo oluya kumazwe ngamazwe.

Indlela yokuzisusa ebantwini:

- Hlala ekhaya kangangeentsuku ezili-14 – musa ukuya emsebenzini okanye ukubonana naye nabani na onghalali naye.
- Phepha ukusebenzisa ezothutho zikawonkewonke kunye neendawo zikawonkewonke.
- Cela abahlobo kunye nosapho okanye iinkonzo zokuhambisa izinto zikuncede ngokukufumanela igrosara kunye namayeza.



Thintela ukunwenwa kwale ntsholongwane ngeli xa uzisusile ebantwini:

- Ngokuhlamba izandla rhoqo nokuzigquma xa ukhohlela naxa uthimla.
- Ngokucoca imiphezulu yeendawo rhoqo, ngeetispuni ezi-4 zebhlitshi yasekhaya kwilitha e-1 yamanzi.

Oku kusenokubanzima, kodwa kumele wenze konke onakho. Ngoku lixesha lokuba ube nobuntu kwaye uxhasane nabanye abantu ngeli xesha loxinzelelo.



24 UMnxeba kaZwelonke woKuxela i-Coronavirus : **0800 029 999**

24 UMnxeba wePhondo woKuxela i-Coronavirus : **021 928 4102**

24 UWhatsApp kaZwelonke we-Coronavirus : **0600 123 456**



URhulumente weNtshona Koloni

UKUFUMANA EZINYE IINKCUKACHA:
www.westerncape.gov.za/coronavirus